



Singakuxhasa njani ukufunda kweentsana zethu?

Iintsana zizalwa zifuna ukufunda kwaye neentsana ezincinane kakhulu zisebenzisa ziva-mvo zazo ukuphonononga izinto ezibangqongileyo.

Abazali, abagcini-bantwana kunye neengcali ze-ECD ngootitshala bokuqala bomntwana omncinane.

Iintsana zifunda ngazo zonke iziva-mvo zazo: ukuphulaphula nokusabela kumazwi oonina kunye nokunukisa ngeempumlo, ukungcamla nokufunda ukutya, ukuqwalasela nokubona yonke into ebangqongileyo, ukuncuma nokusabela, ukuchukumisa nokuchukunyiswa.

Ukuze iintsana zikhule kwaye ziphuhle, iintsana zidinga ukufuthelana nabantu abadala ngendlela enothando nenokuthembana.

Abagcini-bantwana bangenza umahluko omkhulu ngokuthetha, ukudlala kunye nokufunda nabantwana abancinane amabali neencwadi ngolwimi lwabo lwenkobe.

limbono kunye nemisebenzi ekule ncwadana yenzelwe wena ukuba uyenze kunye neentsana nabantwana abancinci kwiziko le-ECD lakho okanye kwiqela elidlalayo okanye ekhaya.

limbono ezikule ncwadana zisekwe phezu kweNcwadi yoku-1 ethi (Thethani, dlalani kwaye nicule) kunye neNcwadi yesi-4 ethi (Fundani kunye iincwadi) eziyinxalenye yoluhlu lweencwadi ezintandathu zabantwana abazalwayo ukuya kwabaneminyaka emihlanu ubudala. Ezi ncwadi zisetyenziswa kwinkqubo yethu ethi Every Word Counts nenikezela ngeembono ezisebenzayo zokuxhasa ukuphuhla kolwimi lwabantwana abancinane nokufunda kwabo kweli nqanaba.

Ukuba ufuna ulwazi oluphangaleleyo ngezi zixhobo nenkqubo yethu, sityelele kwiwebhusayithi yethu ethi www.wordworks.org.za okanye nxibelelana nathi ngolu hlobo:
Ifowuni: 021 788 9233/ iFeksi: 086 775 7930/ Idilesi: 2 Jacobs Ladder, St James, 7945

Kuthatha imizuzu embalwa kakhulu ukwenza umahluko!

Dlalani

Imkile!



Nantsi ibhola!



Kulo mfanekiso umama ufihle ibhola kwaye ngoku baqala umdlalo nosana lwakhe. Bakhe bawudlala lo mdlalo ngaphambili kwaye naye urheme uyazi ukuba ibhola ayikhangele phi. Ukuqala kwabo ukudlala, usana belungayazi ukuba ibhola iphi – kodwa unina walubonisa ukuba lujonge kuphi. Ukhuthaza usana ngokuluncoma xa luzama. Ukuzama kudla ngokuthatha izihlandlo eziliqela ukuze lukwazi!

Ningawudlala phi lo mdlalo wokufihla nokufumana?
Yintoni enye onokuyifihla endaweni yebhola?

Amacebiso angakumbi: Fihla ubuso bakho ngezandla uze uyeke usana luvule ezo zandla lizama ukukubona! Makubekho into oyifihla esandleni sakho ukuze usana luyifumane. Iintsana ziyakuthanda ukudlala lo mdlalo okokoko. Kuthekani ngokudlala etreyinini naseteksini okanye xa nilinde ekliniki.

Dlalani

1

*Umama utsho esekhithshini:
Ndiyabona uyalithanda
iphini – liyazinceda iintsini
zakho?*



2

Ewe yivale, yivale,
yivale toto!

Ah-h!



Kulo mfanekiso umama ubeke ibhaskithi enezinto zokudlala ezikhuselekileyo usana lwakhe olungazimunca, luzive ngesandla, luzishukumise, luzijonge, luze luzibethanise – le yindlela iintsana ezidlala kwaye zifunde ngayo! Kumfanekiso woku-1, usana lusoloko ludlala ngexesha umama ekufutshane nalo encokola nalo xa ehlamba. Kumfanekiso wesi-2, ubona luzama ukuvala ibhotile njengokuba unina ethetha nalo ngale nto oluyenzayo. Usana luyakuthanda ukuva ilizwi likanina!

Ungafumana izinto ezine ongazifaka kwibhaskithi yezinto zokudlala zosana? Zihlambe uze ufake ezinye!

Ezinye iingcebiso: Nazi izinto ongazifaka kwibhaskithi yokudlala: iphini, ibrash, ibhotile yeplastiki, nezinto zokudlala ezithambileyo. Ibhaskithi yokudlala inokugcina usana lwakho lusoloko lunento oluyenzayo ngelixa usaphatha imisetyenzana yekhaya. Kodwa ke lubeke esweni usana lwakho uze uqhubeke uncokola nalo ngelixa usebenza! Unokuchaza oko usana lwakho lukwenzayo kwibhaskithi, umzekelo, xa usana luthatha unodoli luze luwange, unokuthi: ‘uyamthanda umntana, uyamthanda umntana’.

Vumela iintsana zizazi iincwadi



Kulo mfanekiso usana lunikwa ithuba lokuba lujonge incwadi luze luyibambe luyive ukuba ivakala njanina. Unina akaphazamisi kodwa uyaluyeka luphenye incwadi. Uhleli nalo yaye ngamanye amaxesha uncedisa umntwana ukuba atyhile. Ukhuthaza umntwana wakhe aze athethe ngemifanekiso – umntwana uva kwilizwi into yokuba iincwadi ziyonwabisa.

Ubunokuyicinga into yokuba iintsana zingavuyela iincwadi? Usana lwakho lwakha lwayibamba incwadi? Ucinga ukuba lungenza ntoni ngencwadi?

Amacebo angakumbi: Nika usana lwakho ithuba lokujonga nokuzibambela incwadi kodwa uhlale ukufutshane ukuze lungahlafuni amaphepha luze lutsarhwe. Landela oko kwenziwa lusana lwakho njengoko lujonga incwadi ngokutyhila amaphepha, nokuba luyijongisa ezantsi okanye lubheka ngasemva. Yeka xa ludiniwe okanye luphelelwa ngumdla! Ungabinamsindo xa usana lwakho lulahla okanye lujongisa incwadi ezantsi.

Yenza iintshukumo

1

Jonga, uqhweba izandla!
Ungaqhweba izandla?



2

Jonga uyaqhweba!
Uqhweba kakuhle!




Kulo mfanekiso umama nenkwenkwana yakhe bajonge incwadi kunye. Le nkwenkwana yenza lento ikulomfanekiso umama umchazela igama: 'qhweba'. Ubona umfanekiso, wenza lento ayibonayo aze eve negama – le yindlela abantwana abafunda ngayo! Kamva, unina umcela ukuba abonise uyise okanye elinye ilungu losapho indlela yokuqhweba.

Ucinga ukuba uzakuba nalo ithuba lokujonga iincwadi okanye imifanekiso nomntwana? Ngaba bakhona abantu kusapho lwakho abanokukuvuyela ukuchitha ixesha befunda iincwadi okanye bethetha nosana lwakho?

Amacebiso angakumbi: Maninzi amagama amatsha onokuwafundisa umntwana. Ungabiza izinto ezisemfanekisweni okanye uthethe ngazo zonke izinto abantu abazenzayo (ukuxhuma, ukulala, ukubaleka, ukufunda, ukudanisa). Uyenze ke loo nto ukuze umntwana adibanise isenzo, umfanekiso negama! Xa sihlisa ingxolo kwiTV, kulula kumntwana ukuba ajonge koko kusencwadini.

Yenza incwadi ngekhadibhodi



Imizekelo yeencwadi zekhadibhodi

Ukuze ukwazi ukwenza incwadi yomntwana yekhadibhodi kufuneka ube nekhadibhodi, isikere, iglu netheyipu encamathelayo. Nanga amanye amacebo okwenza iincwadi zekhadibhodi:

- ziqinile kwaye zihlala ixesha elide
- ungangasebenzisi magama okanye makabe mbalwa
- imifanekiso mayilandeleke lula
- imibala mayibe mininzi
- imifanekiso mayibe malunga nezinto ezenziwa ngumntwana imihla ngemihla
- makubekho imifanekiso yabantu, izilwanyana neentyatyambo
- makubekho ubuso babantu ngabantu

Abantwana bangakhuthazwa besebancinci kakhulu ukuqalisa ukubamba iincwadi zekhadibhodi. Khokelwa ngabo kwaye ubayeke bakuthande ukuphonononga iincwadi nokujonga amaphepha avuselela umdla wabo.